
Zikhuphelele le PDF ku-www.jw.org/xh

# Funda Indlela Yokusebenzisa IBhayibhile

Umpostile uPawulos wayengomnye wabashumayeli abangamaKristu abaziwayo. Yintoni eyamnceda wanesibindi waze waxelela abanye ngeenkolelo zakhe?

UPawulos wathi: "Yenza unako-nako ukuba uzinikele ukholekile kuThixo, ungumsebénzi ongenazintloni nganto, uliphatha ngokufanelekileyo *ilizwi lenyaniso."* (2 Timoti 2:15) Kanye njengokuba uPawulos wasebenzisa "ilizwi lenyaniso," nawe unokusebenzisa iBhayibhile ukuze uxelele abanye ngeenkolelo zakho.

Njengentsapho, fundani kwindawo ethi "Imibuzo YeBhayibhile Iyaphendulwa," eku-jw.org/xh. (Kumxholo othi, IIMFUNDISO ZEBHAYIBHILE > IMIBUZO YEBHAYIBHILE IYAPHENDULWA.) Kwindawo ethi, "Umthandazo," khethani oyena mbuzo nisenokuwubuzwa. Fundani impendulo. Xubushani isibhalo ngamnye wenu anokusifunda ukuze aphendule lo mbuzo. Emva koko, nikani ngamnye ithuba lokuwuphendula esebenzisa iBhayibhile. Kwiqamza elisentla komntwana okweli phepha, bhala umbuzo osenokuwubuzwa. Kwelinye iqamza, bhala incwadi yeBhayibhile, isahluko nevesi yesibhalo onokusisebenzisa ukuze uphendule umbuzo.



▶ **ZAMA OKU:** Funda okungakumbi ngompostile uPawulos. Kuphela Ikhadi Lomntu OseBhayibhileni lika-"Pawulos" ku-jw.org/xh. (Kumxholo othi IIMFUNDISO ZEBHAYIBHILE > ABANTWANA > IKHADI LOMNTU OSEBHAYIBHILENI.) Zama ukuphendula imibuzo ekweli khadi uze ufumane neempendulo kwakulo.

www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania